

## **Sonxibelelwano noPhuhliso sivulelwe ukuhlolwa**

Kukhutshwa isaziso sokuba isiSigcwangciso Sonxibelelwano noPhuhliso sivulelwe ukuhlolwa kuzo zonke ii-Ofisi zakwaMasipala nakuwo onke amathala-eencwadi kule ngingqi yaseLangeberg ukususela ngomhla we 1 Apreli (Kweka Tshazimpunzi) ukuya kowama 30 Apreli 2014. Umqulu wezicwangciso ezinxibelene nezophuhliso kwankuye nowohlahlo lwabiwo mali womnyaka ka-2014/15 uye wanikezelwa kwisigqeba solawulo lukaMasipal ngomhla we-28 kaMatshi 2014.

ISahluko sesi-4 soMthetho wama-32 weeNkqubo zakwaMasipala ka-2000 sithi ukufuneka bonke oomasipala baqulunqa indlela yokulawulwa umasipala enokuthi ikwazi ukuhlunganisa izisekelo zakwarhulumente kunye nenkqubo yokulawula kothatho-nxaxheba, ngexa yesisizathu kukwanyanzelekile ukuba bakhuthaze kwaye benze imo eyenza uluntu lwasekuhlaleni lubenakho ukuthatha inxaxheba kwimiba kamasipala, oko kuquka ukulungiselela, ukwenziwa kunye nokuhlolwa kwesigcwangciso esinxibeleleneyo sophuhliso ngokwengcaciso yesahluko sesi-5 soMthetho.

## **Isigcwangciso Esinxibeleleneyo Sophuhliso (IDP)**

OoMasipala baseMakhaya baseMzantsi Afrika bamele ukusebenzisa i-IDP njengesixhobo sokugcwangciselela ezongingqi zilindele ukuphuhliswa kwixesha elizayo zalapho ekuhlaleni Esi sigcwangciso esisebenzisekayo ngoba sibonelela ngesalathiso sophuhliso esiqulathe konke. Eyona njongo yaso kukudibanisa yonke imisebenzi yoorhulumente basemakhaya kunye naleyo yamanye amabakala oorhulumente oko kusenziwa ngokwesigcwangciso esilandelelekayo ukuze kubenokuphuculwa umgangatho wobomi babo bonke abangabahlali bakulo ngingqi. Siye sithathela ingqalelo iimeko ezikhoyo ngelo xesha, iingxaki kunye nezinto ezifumanekayo nezinokuba sisongezelela kuphuhliso. Sikwahlangabezana nophuhliso loqoqosho lwentlalo yoluntu kulo ngingqi iphela. Ukongezelela, siye sihlahlele indlela ngesalathiso seenkonzo ezingundoqo zakamasipala, iinkonzo ezidingekayo, ukusetyenziswa komhlaba kunye nokukhuselwa kokusingqongileyo.

Kuthatha iinyanga ezisi-6 ukuya kwezili-9 ukudibanisa i-IDP, ngoxa oko kusenzeka, unikezelo lweenkonzo kunye nophuhliso luyaqhubekeka. Siye senziwe ngokothetha-thethwano kwakunye nendibaniselwano zasekuhlaleni kunye nabanye abantu ababandakanyekayo, umqulu ekuvunyelwene ngawo kufuneka uphunyezwe libhunga. Xa kugqityiwe oko, ziye izigcwangciso neeprojekti zakamasipala zenziwe zihambisane nesigcwangciso. Isigcwangciso senzelwe ukusebenza iminyaka emi-5, kwaye loo minyaka

inqamana nexesha le-ofisini yooceba. Emva kolonyulo ngalunye boorhulumente basemakhaya, ooceba abatsha baye bathathe isigqibo ngekamva le-IDP, i-IDP abafike ikhona bangakhetha ukusebenza ngayo okanye bangaqulunqa enye, kodwa oko bekwenza kuthathela ingqalelo yaleyo ikhoyo.

Isingcwangciso Esinxibelelneyo Sophuhliso sivumela uMasipala ukuba abenakho ukusebenzisa ngendlela engcomekayo ezo zinto zilulutho nezinqongopheleyo kananjalo sikwanceda ukutha amandla kwizinga lokunikezelwa kwenkonzo. Ngaphezu kwakho konke, sinika imvume kooceba ukuba bangathatha izigqibo ezisekelezwe kwiimfuno zoluntu kuphela zo zinto zibalulekileyo eluntwini.